



INCWADI YEENDABA YAMALUNGU

UHLELO LWESIBINI | JUNE 2026



UMYALEZO OVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO YEMISEBENZI

Lungu eliThandekayo

Owe-14 Juni uphawula isikhumbuzo sama-37 seNgxowamali. Sicinga nzulu ngokuzingca ngohambo esiluhambe kunye nenjongo eqhubekayo ukusikhokela. Olu uhlelo lomhla wokuzalwa lungaphezulu kokubhiyozela iminyaka edlulileyo, lolokuhlonipha intsebenziswano yexesha elide phakathi kweNgxowamali kunye namalungu esiwancedayo.

Kwiminyaka engama-37, iNgxowamali isahleli izibophelele ekukhuseleni kunye nasekuxhaseni abasebenzi basemgodini kunye neentsapho zabo, ikhokelwa ziinqobo zethu ezisemgangathweni zentlonipho, isidima nelifa, kwaye iqhutywa ngumoya wouBuntu. Le mithethosiseko iyaqhubeka ukubumba indlela esinceda, sizibandakanye kwaye sakhe ngayo ikamva elikhuselekileyo ekuhlaleni lamalungu ethu.

Uxanduva lwethu lolokuma nawe kwihambo yakho yezemali, siqinisekisa ukuba umsebenzi wakho onzima namhlanje uguqulelwa kukhuseleko lwexesha elide ngomso. Yiloo nto sizamela ukomeleza inkxaso kunye neenkonziso esizinikayo ngokuqhubekayo.

Ngokungqinelana neenjongo zethu zesicwangciso, iyanda iNgxowamali. Uza kuqala ukubona kwaye uzibandakanye namalungu eqela azimanya nathi ukonyusa indlela esikunceda ngayo. Aba gxa baza kuxhasa uKhenketho lokuNika uLwazi lokuFundisa amaLungu kunye neeSeshoni zokuCebisa ngoMhlalaphantsi, beqinisekisa ukuba ufumana isikhokelo kunye nenkxaso oyifunayo xa uyifuna.

Ujoliso olungundoqo kuthi lusahleli ikukwehlisa inani leenzuzo ekungafakwanga mabango azo. Inzuzo nganye ekungafakwanga bango layo imele ithuba eliphosiweyo lokuxhasa ilungu okanye

abo libathandayo. Kwenziwa amalungiselelo okhenketho lokunika ulwazi luka-2026 eMozambique, eLesotho, naKwaZulu-Natal. Ukuba uhlala kule mimandla, okanye wazi umntu owashiya iNgxowamali engafakanga bango leenzuzo zakhe, jonga unxibelelwano olungaphaya oluchaza imihla kunye neendawo.

Siyaqhubeka kananjalo ukuqinisekisa ukuba sikwenza kube lula kuwe ukufikelela kuthi. Ndiyakukhuthaza ukuba uyiphonononge le ncwadi ithunyelelwa amalungu ukufunda ngokuthe vetshe malunga neendlela ezahlukeneyo ongaqhagamshelana ngazo neNgxowamali, kuquka iqonga oziNceda ngoKwakho kulo leWhatsApp. La majelo ayilelwe ukukunika ufikelelo olulula, olungqalileyo kulwazi kunye noncedo.

Ndingathanda ukugxininisa kananjalo ukubaluleka kokuzimasa uKhenketho lokuNika uLwazi amaLungu neeSeshoni zokuCetyiselwa uMhlalaphantsi. La maqonga awaniki nje ulwazi, ngamathuba okuba ubuze imibuzo, uzuze ingcaciso kwiinzuzo zakho, kwaye wenze izigqibo ezisekelwe elwazini malunga nekamva lakho lezemali. Akunambaliso ukubalukela kokunikwa ulwazi.

Njengexenye yemibhiyozo yethu yomhla wokuzalwa wama-37, iNgxowamali iphehlelele ukhuphiswano lomhla wokuzalwa ngowe-1 Juni kumajelo ethu amakhasi onxibelelwano. Ukhuphiswano luza kuqhuba inyanga yonke kaJuni, kwaye simema amalungu ukuba ajoyine umbhiyozo. Jonga iinkcukacha ezingaphaya kwinqaku elilandelayo lolu hlelo.

Njengoko siphawula esi siganeko sibalulekileyo, siqiniselela ukuzibophelela kwethu ekukuncedeni kunye nasekukuxhaseni ngentlonipho, isidima nokhathalelo. Enkosi ngokuba yinxenye yebali lethu kunye nokusivumela ukuba siluhambe nawe olu hambo kule minyaka ingama-37 idlulileyo.

Sikunye, siyaqhubeka ukwakha ilifa eliya kuhlala ixesha elide kwizizukulwana ezizayo.

Ozithobileyo

Muziwandile Ndlovu

IGosa eliyiNtloko yeMisebenzi



BHIYOZELA IMINYAKA ENGAMA-37 NGOKHUPHISWANO LWETRIVIA LOMHLA WOKUZALWA LWE-MWPF!

Ngalo Juni, sibhiyozela iminyaka engama-37 yokunceda amalungu kunye neentsapho zawo, kwaye sifuna ukuba ube yinxenye yombhiyozo.

Sinika amalungu ithuba lokuvavanya ulwazi lwawo lweNgxowamali, ukuzibandakanya neNgxowamali kwi-intanethi kunye nokuba sethubeni lokuphumelela amabhaso amangalisayo.

Qho ngoMvulo nangoLwesithathu, imibuzo yetrivia iza kuthunyelwa kumakhasi asemthethweni eFacebook neInstagram engxowamali. Abathabathinxaxheba banethuba eliyokuma kuLwesine kwiveki nganye ngeye-13h00 lokungenisa iimpindulo zabo. Abaphumeleleyo ngeveki baya kuthi ke babhengezwe qho ngoLwesihlanu ngeye-14h00 uJuni wonke.

Ukufumana iimpindulo, abathabathinxaxheba kuza kufuneka bajonge iwebhusayithi ye-MWPF kunye namaqonga amakhasi onxibelelwano asemthethweni.

Ukungenisa ingeniso lakho kulula, kodwa khumbula, iimpindulo kufuneka zithunyelwe ngeinbox okanye ngomyalezo ngqo kwiFacebook okanye kwi-Instagram kuphela. Amangeniso athunyelwe kwicandelo lezimvo awayi kuthathelwa ngqalelo.

Ubuninzi babaphumeleleyo ababini abanethamsanqa abaneempindulo ezichanekileyo baza kukhethwa kwiveki nganye ngotsalo lwalowo unethamsanqa, omnye kumangeniso eFacebook kunye nomnye kumangeniso eInstagram. Ophumeleleyo ngamnye uza kufumana ivawutsha yegrosari exabisa i-R3 000.

INDLELA YOKUFANELEKA

Ukuze uthabathe inxaxheba, kufuneka:

1

Ube lilungu le-MWPF elizinze eMzantsi Afrika

2

Ulandele amaphepha amakhasi onxibelelwano asemthethweni e-MWPF

3

Uphendule yonke imibuzo yetrivia ngokuchanekileyo

4

Ungenise iimpindulo zakho ngeinbox/umyalezo ngqo weFacebook okanye i-Instagram

5

Ungenise iimpindulo zakho phambi komhla omiselweyo weveki – qho ngoLwesine ngeye-13h00

Nceda uqaphele ukuba amangeniso angaphelelanga, angachanekanga, aphindiweyo, okanye afike emva kwexesha aya kuthintelwa.

Ngokuthabatha inxaxheba, abangeneleyo bayavuma ukuba amagama abo kunye/okanye ukuphathwa kwamakhasi abo onxibelelwano kunokubhengezwa kumaqonga amakhasi onxibelelwano e-MWPF ukuba ngaba banokukhethwa njengabaphumeleleyo.

Ngoko ke, landela amakhasi ethu, vavanya ulwazi lwakho lwe-MWPF kwaye usijoyine ekubhiyozeleni iminyaka engama-37 yentlonipho, isidima nelifa, eziqhutywa bu-uBuntu.

NGENA KWINKONZO YETHU OZINCEDA NGOKWAKHO KUYO YEWATSAPP – NANINI NA KWAYE NAPHI NA

Sisanda kuphehlelela iqonga lenkonzo ozinceda ngokwakho kuyo leWhatsApp. Eli qonga kulula ukulisebenzisa likwenza ukuba ulawule iinkcukacha zakho zengxowamali kwaye ufikelele kulwazi olubalulekileyo kwangethuba, ngqo kwiselula yakho.

Nantsi into ongayenza kwiQonga leNkonzo oziNceda ngoKwakho kuyo leWhatsApp:

- 1 Ujonge iKhredithi yeNgxowamali (IXabiso lokweNene)
- 2 Ujonge kwaye uHlaziye iNkcukacha zeNkqubo yoMhlalaphantsi yeeNgxowa eziMbini
- 3 Ujonge Zonke iNzuzo eziNikwa yiNgxowamali
- 4 Ujonge iNtsalela yoLondolozo yeNkqubo yoMhlalaphantsi yeeNgxowa eziMbini
- 5 Ujonge kwaye uHlaziye iNombolo yeRhafu kwiNkqubo yoMhlalaphantsi yeeNgxowa eziMbini
- 6 Utsale iNzuzo yakho yoLondolozo kwiNkqubo yoMhlalaphantsi yeeNgxowa eziMbini

INdlela yokuqalisa:



Gcina inombolo yethu
yeWhatsApp
071 887 6515



Yiba **nenombolo yakho ye-ID/
yeNcwadana yokuNdwendwela**
kunye **neNombolo yeShishini**
kufutshane



Chwetheza u "Hi"
kwiWhatsApp ukuqalisa

Awuyifumani i-OTP yakho?

Naku okwenza ukuba ibe Ngoba kutheni:

Xa ufaka ibango kuLondolozo lweeNgxowa eziMbini lwakho, uza kufumana iPassword eSetyenziswa Kanye (One-Time Password) (OTP) njengeniyathelo lokhuselo olongeziweyo phambi kwentlawulo. Le OTP ithunyelwa kwinombolo yakho yoqhagamshelwano ebhalisiweyo kwaye ehlaziyiweyo.

Ukuba ngaba awuyifumani i-OTP yakho, kusenokwenzeka ukuba iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano zezakudala okanye azichanekanga kwinkqubo yethu. Kuyimfuneko ukugcina iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano zihlaziyiwe ukuze ube nokufumana i-OTP yakho ngaphandle kokulibazisa.

Ukuba ngaba zitshintshile iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano, nceda uzihlaziye msinyane kangangoko kunokwenzeka ngokuqhagamshelana nathi ngeimeyile (clientservices@mineworkers.co.za), umnxeba weofisi (010 100 3000), I-App ye-MWPF okanye ngokusityelela kwiZiko lakho onokuNgena Kulo ekufutshane.

Hlala unoQhagamshelwano Nathi kuMajelo Ethu

KwiNgxowamali yoBekelo yabaSebenzi baseMgodini, sikhokelwa buBuntu "Umntu ngumntu ngabantu." Oku kuthi kuthetha ukukunika uluhlu lwamajelo eenkonzo zabaxhasi, zombini ezobuxhakaxhaka kunye nezobuqu kwaye siqinisekisa ukuba unofikelelo kwinkxaso ethembekileyo, elula, naphi na apho ukhoyo.

Ungaqhagamshelana nathi usebenzisa ukhetho olulandelayo olona lulula kuwe.

AmaJelo Ethu obuXhakaxhaka



IQonga oziNceda ngoKwakho kulo leWhatsApp: Gcina u 071 887 6515 uze uthi "Hi" ukuqalisa.



I-App ye-MWPF: Lawula iinzuzo zakho kwaye uhlale unolwazi ngokudawunlowuda i-App yethu kuGoogle Play Store.



Iwebhusayithi: Ungafumana lonke ulwazi olunxulumene neNgxowamali ku www.mwpf.co.za.



KuFacebook: Ungafumana lonke ulwazi olutsha ngeNgxowamali kwikhasi likaFacebook leNgxowamali yoBekelo yabaSebenzi baseMgodini bethu.



KuInstagram: Ungafumana lonke ulwazi olutsha ngeNgxowamali kwikhasi lethu likaInstagram le [mineworkers_provident_fund](https://www.instagram.com/mineworkers_provident_fund)



ICandelo leeNkonzo zeeKlayenti: Ungafumana uncedo ngamabango akho, imibuzo, ulwazi olutsha loqhagamshelwano, kunye nalo naluphi na olunye ulwazi olunxulumene neNgxowamali ku clientservices@mineworkers.co.za naku 010 100 3000.

IiOfisi zeNkonzo yeeNzuzo zabaSebenzi

Sineeofisi zeenkonzo ezikwimigodi eyahlukahlukeneyo zokukunceda emsebenzini, oko kusenza ukuba kube lula ukufumana inkxaso unгахambanga uye kude.

1. **IHarmony Gold Mine:** IiNkonzo ezinguNdoqo, Doornkop, Great Naligwa naseKusasa lethu
2. **INortham Platinum:** Zondereinde, Driefontein nase-Ezulwini
3. **ISibanye-Stillwater:** Beatrix
4. **IVillage Main Reef:** Kopanang

Amaziko onokuya Kuwo Buqu ethu

Kumalungu akhetha inkxaso yobuqu, amaziko onokuya Kuwo Buqu ethu akhona ukuze akuncede ngamabango akho, imibuzo, uhlaziyo kulwazi loqhagamshelwano, kunye nalo naluphi na olunye ulwazi olunxulumene neNgxowamali onokulufuna.

- 1 EJohannesburg:** 26 Ameshoff Street, Braamfontein, Johannesburg
- 2 ECarletonville:** No.2 Office Park, Uys Buys, Cnr Kaolin and Radium Street
- 3 EWitbank:** WCMAS Building, Cnr Susanna street ne-OR Tambo Street
- 4 EMthatha:** No. 49 Leeds and Craister Street, Metropolitan Place, eMpuma Koloni
- 5 EMozambique:** En1 Avenida Samora Machel, Enfrente ao Chave de Ouro, Balcao 1


AbaCebisi bobuDlelwane neeKlayenti

Abacebisi bethu abazinikeleyo bakhona ukuze bakuxhase bekunika uncedo olufanele wena:

- 1. USithembiso Radebe:** 067 899 7886
- 2. ULerato Mogale:** 083 756 7113
- 3. UNokuthembela Monde:** 073 666 2656
- 4. USiyasanga Ngqongqwana:** 071 046 7792

KwiNgxowamali yoBekelo yabaSebenzi baseMgodini, sizibophelele ekwenzeni amava akho abe lula kwaye afikeleleke, nokuba kungobuxhakaxhaka okanye buqu, sikholo wena.





UKUFUNDISA AMALUNGU KUNYE NOKUCETYISELWA UMHLALAPHANTSI

Ukongeza kumajelo enkonzo yabaxhasi agxininiswe kwinqaku langaphambili, iNgxowamali iyaqhubeka ukubeka phambili ubandakanyo olungqalileyo, olunentsingiselo namalungu kuzo zonke iiSeshoni zokuFundisa amaLungu kunye neeSeshoni zokuCebisa ngoMhlalaphantsi. Ezi ziququzelelwa ngabaCebisi bobuDlelwane neeKlayenti bethu abazinikeleyo, abazibophelele ekuqinisekiseni ukuba unikwa ulwazi ngokufanelekileyo kwaye uxhaswa kwinyathelo ngalinye lohambo lwakho.

IiSeshoni zokuFundisa amaLungu ziyilelwe ukunceda wena uqonde ngcono iinzuzo zeNgxowamali kunye nendlela yokufikelela kuzo. Ngexa lezi seshoni, uza kufumana isikhokelo sendlela olingenisa ngayo ibango, ngawaphi amaxwebhu afunekayo, kunye nendlela oqinisekisa ngayo ukuba ulwazi lwakho luhlaziyiwe. Uza kuba nethuba lokuhlaziya iifomu zakho zokonyula kananjalo kunye neenkukacha zoqhagamshelwano, kwaye okona kubalulekileyo, ukudibana ubuso ngobuso nabacebisi beNgxowamali abanokukunceda ngayo nayiphi na imibuzo enxulumene neNgxowamali onokuba unayo.

Ezi seshoni zibanjwa kwimigodi yenu eyahlukahlukeneyo kwaye zihlelwa ngeofisi yakho ye-HR. Siyakukhuthaza ukuba ujonge iiposta ezibekwe emsebenzini wakho, eziza kunxibelelana ngemi-

hla kunye namaxesha eeseshoni ezizayo. Ukuya kwiseshoni enye ubuncinane kukhuthazwa ngamandla, kuba zikuxhobisa ngolwazi olufunekayo ukuze wenze izigqibo ezisekelwe elwazini malunga neenzuzo zakho.

Iiseshoni zokuCebisa ngoMhlalaphantsi, kwelinye icala, zijolise ekukuncedeni ulungiselele esinye sezigaba ezibaluleke kakhulu ebomini bakho—umhlalaphantsi. Ezi seshoni zinika ingcaciso kukhetho lwakho lomhlalaphantsi olukhoyo kwaye zikunceda ucwangcise ngendlela engqinelana neemfuno zemali zexesha elizayo. Iiseshoni zinokuqhutywa ubuso ngobuso okanye ngomnxeba, ngokuxhomekeke kukhetho lwakho.

Ukufumana okona kubalulekileyo kule nkonzo, kucetyiswa ukuba uhlele iseshoni yakho yokucetyiselwa umhlalaphantsi kwangaphambi komhla wakho wokuthatha umhlalaphantsi. Ucwangciso kwangoko lukwenza ukuba uthathele ingqalelo ukhetho lwakho ngononophelo kwaye wenze izigqibo eziza kuxhasa ulawulo lwakho lwemali ngempumelelo ixesha elide.

Siyakukhuthaza ukuba uwasebenzise ngokupheleleyo la mathuba ukuzibandakanya neNgxowamali. Ukunikwa ulwazi namhlanje kukunceda ukuba uqinisekise ingomso eligqwesileyo.

Ukungabinalo ibango: Iinkukacha ekunikezelwe ngazo kule ncwadi yeendaba zamalungu zikhuselwe yimithetho yobuchule bengqondo yomntu kwaye ayinakukotshwa, isasazwe okanye iguqulwe ngenjongo yokuthengisa. Ngelixa zonke iinzame zenziwe ukuqinisekisa ukuba iinkukacha eziqulathwe apha zezangoku, zinobulungisa kwaye zichanekile, oku akunakuqinisekiswa. Ukusetyenziswa kwezi nkukacha lilo naliphi na iqela lesithathu kuya kuba ngokokubona kweqela lesithathu kwaye kokwesimo sokwenyani kuphela. Nceda uqaphele ukuba umxholo wencwadi yeendaba zamalungu ungqubana neMithetho-siseko yeNgxowa-mali, Imithetho-siseko iya kuphumelela. I-MWPF ayamkeli naluphi na uxanduva ngenxa yayo nayiphi na ilahleko, ukonakala, iindleko kunye nenkcitho, ezinokuthi zigcineke okanye zenzeke ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yaso nasiphi na isiphoso okanye ukushiywa okuqulethwe apha.